**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**FEB / MAR 2006**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2½ Iiyure**

**AMANQAKU: 100**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu u-A, B no C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa esisulungekileyo
- Landela imiyalelo yombuzo ngamnye.

ICANDELO A
**UMBUZO 1**

Uvavanyo Lokuqonda.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Unobangela wokuba ooNongqayi abangabacuphi bakhethe ezona zona nzwakazi xa beqesha oonobhalana kwiiofisi zabo yenye yezinto ezingakhe zicaciswe zizazi. Wayetshila kwangeso sidanga sabanye abacuphi umfo wakwaHlobo – eyona njinga yabacuphi kwiSebe Lokuphanda ubugewu, kwi-ofisi yaseMonti.

ULiziwe Mehlo wayeyintyatyambo yaloo ofisi. Emsebenzini wayequkeza ngomzimba odlamkileyo, etshawuza ngamehlo aqaqambileyo. Ngokwendlela awayecikizwe ngayo, wayengumfuziselo wengelosi. Mbone ke wena ekhutshu-khutshuza, echwechwa-chwechwa ukusuka etafileni yakhe esiya kweyenkosi yakhe enguHlobo.

I-ofisi leyo yayimagunjana mabini, imelene neyona inkulu yamapolisa akwaLoyithi.

Yayiyintsasa emnandi yehlobo – enye yezo mini zimbalwa zobusika zithi zikukhumbuze ezimyoli zehlobo. Nangona imini yayingqina, yena okaHlobo wayengaziva kuchulumanca. Umzimba wawungangqinelani mpela nemini leyo. Wayehleli vuxaxa phezu kwesitulo, esisibingibingi. Ubuso wayebugqume ngephepha-ndaba laloo mini. Wayengasalifundi koko egxwalise nje amehlo phezu kwalo.

I-ofisi le yayimi kwindawo ebundulana, izivelele kakuhle iilokishi ezazisemazantsi. Unge uyalithoba phezu kwamehlo iphepha awayejamelene nalo okaHlobo. Ngefestile eyayiphambi kwakhe, uyibone kakuhle ilokishi yakwaTsolo – ithe natya yada yaya kunqandwa ngumfula weNgcabanga.

Umfo kaHlobo wayibukela engenamdla imibhodamo eyayisenziwa ngabantu, ziinqwelo zamafutha nezoodonki. Kwelinye icala yayiziibhayisikili nezithuthuthu – zonke ezi zinto zisihla zinyuka kwezo zitalato zimxinwa.

Kwezinye iirhatyi yayingunkxwenkxwenkxwe wezikhalo zabantu, bephepha iziphekepheke zeemoto neebhasi eziqhutywa ngaphandle kwenyameko. Abanye babephepha iimela neentshuntshe, amabhunguza neembokotho, amazembe neevolovolo – ezona zixhobo kuthenjelwe ngazo ngabo kuthiwa ngamagorha elokishi.

Umfo kaHlobo ulibonile igquba labantu liyinkatha kwenye yeengxingwa zaloo lokishi. Waqiniseka ukuba kulanyulwa okanye kuphenjwa idabi lamakhwenkwe ayimingqungu engafuni misebenzi. Ukunduluka kwakhe ekhaya kusasa wemka elo dabi lisengumlilwana olwilwizayo – kusilwa amakhwenkwe eelokishi yakwaTsolo neyakwaMekeni. Wathi akwenza umkhanya, waqonda ukuba sekungenelele nabantu abakhulu kuloo nto yabantwana.

Ezingcingeni zakhe okaHlobo, yayinye eyayimhleli: ingaba liyintoni na iyeza lokunyanga loo mibhodamo? Khangela, naango amapolisa aqeshelwe ukugcina ucwangco. Ayemi bhuxe, amanye izandla esinqeni, amanye ezihlekela izinto zawo, amanye ebukela loo mibhodamo njengaye. Angaba ayedinwe njengaye bubundlobongela belokishi? Angaba ayelinde nje de kufe umntu ukuze asuke ngokuthumela kuye ukuba azingele ongumbulali? Hayi ukuba ngumcuphi! Uzisole ngelo umfo kaHlobo.

Ngaloo ntsasa, amapolisa ayegqiba kuthumela umyalelo wokuba kufuneka ephande ngokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma.

Ude wee vumbululu koko kudola kwakhe uHlobo, wabiza unobhalana wakhe – uLiziwe.

“Khawundinced” apha, Lizzie mtshan’ am: khwela emnxebeni ngoku, ubhekise kwi-ofisi yamapolisa. Ndifuna andithumelele amaphepha ebendithenjiswe ngawo. Mna ndisathi tsi ndaweni ithile.” Utsho equbula umnqwazi nenqawa yakhe umfo kaHlobo.

Uthe xa aphumayo, wadlula ngomngxu webhotile owawuphezu kwetafile. Utsho ngelimnandi ithamo, wahlasimla. Uphume ngomnyango ekhatshwa luncumo lukaLiziwe.

Ubethe kuhle ngenqwelo yakhe yamafutha. Naanko eqhaqhazelisa kwezo zitalato zelokishi, imoto yakhe idavuda nje phezu kweencula zamatye nemiwewe yeendonga, idyubhuza kumachibi eendywala eziphalazwe ngamapolisa eKansile. Wayephepha ephephile – ephepha amanxila, izigqubo zamadoda aqondele kookroqo–kroqo; ephepha iziphekepheke zeenqwelo zeebhokisi eziqhutywa ngaphandle kwenkathalo ngamakhwenkwana, ephepha neenqwelo eziqhutywa ngamadoda amadala – wona ke esemqheleni.

Ungcambaze kuhle, enyamezele ivumba lemisinga yamanzi amdaka ahla ngezitalato, enyamezele ifuqasi lento ephuma kumaxhofuxhofu ezindlu zasese. Ezi zindlu zazithe xhwa phakathi kwemizi yabantu. Ecaleni kwezo zindlu yayiyimingcelele yabantu belinde de kugqibe ababengaphakathi.

Umtyhi uwuvule ngokubetha uphondo lwenqwelo yakhe. Njengabanye abaqhubi, uhambe nzima phakathi kwaloo nyambalala yabantu belokishi. Babesisiphithanyongo, behamba ngokubaleka, bethubeleza ngokumasikizi phakathi kweebhasi ezibalekayo. Apho ke kwakukwindawo ezinika kuyo iibhasi – kwaMekeni.

Babengungene apho abathengisi bemigunyathi – eyempahla enxitywayo neyokutya kweendidi ngeendidi. Zonke ezo zinto zaziqhalwe nje phakathi kokungcola nothuli. Umntu wayemamele nje ukuhlatywa komkhosi: “Kubomvu! Impahl’ imbi!!”

Lingatsho elo ilizwi, babesazi ukuba bayeza abakwaNontsasana – kuthi qhiwu saa, ishiywe apho loo mpahla. Iya kujongwa ke loo nqwelo yamapolisa de iyokutshonela. Apho isithele khona emehlweni, wonke umntu ubuyela enkomeni – kuthengiswe, phofu sebekho abazenzeleyo ngelo xesha bekubalekwa! Ukuba uyabuza, uya kuxelelwa ukuba kuphangelwe likhaba. Bahleli loo ntlalo ke abantu ezilokishini.

Kambe ke yonke into iqheleka lula kule dolophu yaseMonti. Isihelegu sokufa kukaEddie noLulama sasenzeke ngephezolo. Nangona babefe ngaloo ndlela imasikizi, ukufa kwabo kwakuse kuqhelekile kubantu belokishi. Zazise ziphelile iziqhu ezazikho ebutsheni bemini – apho sasixoxwa khona esi sihelegu. Yathi iqina imini, wabe umdla wabantu sewudludle nezinye zaloo mini.

Ibe ke babebaninzi abanye ababese befe ngeendlela ezimasikizi nangaphezu kwaleyo yooEddie nooLulama. Abanye babengekasiva neso sihelegu sooEddie. Abanye babesiva nje, bangahoyi nto. Kaloku akulalwa kutyiwe ntw' inye edolophini. Eyokubambelela ezidleleni iyekelwa kwizizalwana nezalamana kuphela.

Ngoko ke umfo kaHlobo waziva ekhulelwa ngokukhulelwa ngumvandedwa. Wazifumana inguye yedwa osazixakekise ngokufa kukaEddie noLulama. Kodwa ke wabe wakhumbula ukuba akamele ukuba uyedwa kulo mvandedwa. Babekho, mhlawumbi, abenzi belo sikizi. Nabo babemele ukuba bayatyiwa ngumvandedwa.

**(Umqopuphandle: M.A.P. Ngani via Afrika Ltd.**

1.1 Wawuyintoni umsebenzi ka-Hlobo? (1)

1.2 Ngubani igama lenzwakazi eyayingumabhalana wakhe? (2)

1.3 Wayenomvandedwa wantoni lo ka-Hlobo? (2)

1.4 Ucinga ukuba luluphi uhlobo lwesiselo eso wadlula ngaso etafileni lo mfo? (2)

1.5 Zinto zini awayemana ukuziphepha apha endleleni yakhe u-Hlobo? (4)

1.6 Amanye amapolisa wona ayenanze ntoni? (2)

1.7 Elona vumba liqhekeza intloko kule ndawo, laliphuma phi? (2)

1.8 Wazinceda ngokwenzani ukuze kuvuleke umtyhi akwazi ukuhamba. (1)

1.9 Nika igama lale ndawo ingcole kangaka. (1)

1.10 Babexelelana njani ngokuza kwamapolisa abantu bale ndawo? Balinganise. (4)

1.11 Yintoni le yenza ukuba aba bantu baphithizele ngolu hlobo. (2)

1.12 Ziziphi izixhobo ekwakuthenjelwe kuzo ngamagorha ale lokishi? Bala zibe ntathu. (3)

1.13 Ngoobani amagama aba bafileyo babini? Xela igama nefani yomntu ngamnye. (4)
**(30)**

**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

ICANDELO B
**UMBUZO 2**

ISISHWANKATHELO

2.1 Shwankathela esi sicatshulwa silandelayo ngamagama angama – 40.

> Kaloku apha ezweni ayikho into eyayixatyiswe nguNojayiti njengenkosi, namhlanje ke wayeza kundwendwelwa yingotya yamaGqunukhwebe ngesiqu, yona gaqa. Kulapho ke kwathenjiswana khona ngumntu nendodakazi ngaloo nqawa imeva.
> Lwafika usuku lokudidiyela—Nomaqhashu wayephi! Lwafika olokupheka, nya, uNomaqhashu! Saqala ngoku sangenelwa ligxube elikhulu, sibhula sisela simangalisiwe ukuba ingaba sisimongomongo esinjani na eso sinokwenza ukuba uNomaqhashu enze impoxo enje. Kwala, sikuloo mavuso, kwafika zibaningeshe uthile wasixelela ukuba udibene noNomaqhashu ngendlela eMdizeni, esithi undwendwela umtshana wakhe, uKhohlile, eNxarhuni. Yasothusa le nto yokuba umntu azinike loo msebenzi wohambo lweenyawo oluntsuku-ntsuku, eshiya umsebenzi abewucelelwe kabuhlungu kangako, eshiya nezo ziyunguma nezo zimuncumuncu zokufika koMhlekazi. Yasimangalisa le nto yasishiya sikhamnqile. Khawulucinge nawe udano lomfazi xana ashiyeka emokamokana nondwendwe lwakhe olungako yedwa.
>
> Emva kweeveki ezimbini zemkayo iinkosi savuyiswa kukubona ukufika kukaNomaqhashu ephilile. Wadanduluka ebuza uNojayiti elindele impendulo ngothakazelo olukhulu, "Yini, Sisi, ukusibeka emaxhaleni angaka singakwazi apho ukhona? Yini, Bhayeni, ukuphoxa iinkosi zesizwe uziphosanise nesandla sakho esimnandi kunene?"
> Waphendula ngolo ncumo lwakhe luhle udade wethu osomi, engakhange atolosele nto, esithi, "Hayi mna, Sisi, andinamsebenzi nanto nezo nkosi zenu. Bendiye eNxarhuni, ndinqanqathekile ukuya kuphanda inqawa kaKhohlile, umntshana wam onesisa kunene ongandihlawulisiyo yena, njengamadoda enu, ndakufuna izixhaxha neentshongo zakhe.
>
> Impoxo ke yona uNomaqhashu wayeyiyele esikolweni, yiloo nto wayengakunanze nganto ukuphoxa umfazi womnakwabo.
>
> **(Unojayithi Wam: G.B. Sinxo)**

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C
**UMBUZO 3**

Ulwimi Nokusetyenziswa kwalo:

Funda lo mhlathana ulandelayo, ulandelise ngokuphendula imibuzo.

> Ndafikelwa yinto <u>esabuphupharha</u> yathi mandiphume ndilishiye eli khaya. Kwathi kuba <u>kumnyama</u> ndalinda kwasa. Ukuvela kwalo ilanga imitha yalo yawutsho wathi saa umzimba yoluleka nenkantsu le. Imitha <u>yelanga</u> ayijongeki, iyaphandla.

3.1 Amagama anomgca ngaphantsi aziziphi izigaba zentetho, ewe azizichazi onke kodwa eziphi? (3)

3.2 Nawe ke kha uwasebenzise kwezakho izivakalisi ukuze kucace ukuba uyawazi. (3)

3.3 Kwalapha kulo mhlathana sifumana isibizo 'imitha'. Ingcambu yeli gama iqulethe iintsingiselo ezininzi. Sebenzisa ingcambu nesimaphambili sehlelo – 5 no 7 – wenze ezinye izibizo ezibini. Sebenzisa ezi zibizo kwizivakalisi zakho uphuhlise iintsingiselo ezintsha ezahlukeneyo. (4)

**UMBUZO 4**

Qwalasela lo mhlathana ingakumbi amagama anomgca ngaphantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

> Safikelela <u>encotsheni</u> yentaba xa liya kunina ilanga. <u>Intatyana</u> leyo yayimgama kwilali yakuthi. Intokazi <u>emhlotshana</u> yasele imfusa <u>kukutyatyulwa</u> yingqatsini yelanga lehlobo.

4.1 Yeyiphi inguqulelo-zandi eyenzeke kumagama anomgca ngaphantsi? (1)

4.2 Njengokuba sisazi ukuba unkalakahliso luyenzeka kwisalathandawo, kwizixando zokwenziwa nakwisinciphiso, bhala ezakho izivakalisi zibe-3 ubonisa ezo mo nokuba uyazazi.

Cwangcisa ngolu hlobo:

| | Izigaba | Izivakalisi |
|---|---|---|
| 4.2.1 | Kwisalathandawo | |
| 4.2.2 | Kwisixando sokwenziwa | |
| 4.2.3 | Kwisinciphiso | |

2x3= (6)

**UMBUZO 5**

5.1 Funda esi siqwengana uze uphendule imibuzo elandelayo:

> <u>Umqolo</u> wam uqaqambela ugqirha nezicaka. Loo nto utsho libe nenkantsu <u>ithanga</u> eli lam. Nditsho ndifiphale ulusu ndibe mnyama okokhozo lomya. Inene ndiphelelwe ziinyani ngoku, ibhonga ilele ndiyakuxelela.

5.1.1 Imvakalozwi iyayijika intsingiselo yegama. Kulo mhlathana uku-5 kukho 5.1 amagama amaBINI anomgca ngaphantsi, siyeva kuba athetha ntoni. Ngokujika kwethoni angasinika ezinye iintsingiselo. Wasebenzise la magama omaBINI kwezakho izivakalisi ezibini igama ngalinye, uphuhlise ukuba imvakalozwi ithoni ingayijika intsingiselo yegama. (4)

5.1.2 Kwakulo mhlathana uku-5 kukho izafobe ezibini. Zichonge usakugqiba uzisebenzise kwezakho izivakalisi ukubonisa ukuba uyayazi into eziyithethayo.

Cwangcisa ngolu hlobo

Isafobe Isivakalisi (4)

## UMBUZO 6

Funda esi siqendwana wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

> Abantwana bakadade wethu baza kufika kusasa. Baza kufika sele ixheliwe inkomo yomtshato. Bakutsho bafumane laa nyama ityiwa ngabo. Andisenazo ke neenkukhu ngendibabekela inyama emhlophe yesifuba senkukhu, bayayithanda. Phofu baza konwaba kuba baza kutya nombona omtsha ophekiweyo.
>
> Ngamantombazana amabini azalwa ngemini enye ngusisi, ayevana ngumtya nethunga.

6.1 Amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi anganikwa igama elinye kumqolo ngamnye.

Cwagcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

| | **Amagama anomgca ngaphantsi** | **Igama elinye** |
|---|---|---|
| 6.1.1 | Abantwana bakadade wethu. | |
| 6.1.2 | Inyama etyiwa ngabo. | |
| 6.1.3 | Inyama emhlophe yesifuba senkukhu. | |
| 6.1.4 | Umbona omtsha ophekiweyo. | |
| 6.1.5 | Ngamantombazana amabini azalwa ngemini enye. | |

(5)

6.2 Sebenzisa la magama uwanike ku-6.1 kwezakho izivakalisi kuze kucace ukuba uyawazi ngenene. (10)

**[40]**

## UMBUZO 7

7.1 Lungisa iziphene ngokufakela iziphumlisi noonobumba abakhulu, nezinye iimpawu ezifanelekileyo: (10)

> utywala besintu bumnandi obunye buyaqhwetha obunye buyakrakra kanti obunye bunjengencindi yobusi amayuda ayesebenzisa iwayini ekudleni khonukuze kwehle ukutya amazwe avelisa obona tywala buninzi aquka nala iskotlani ifransi namanye ingaba wena uyabuthanda na utywala mna ndifunguma andisokuze ndibuve nangetispuni.

7.2 Lungisa iziphene, ngokusebenzisa ulwimi wesiXhosa esamkelekileyo kwezi zivakalisi zilandelayo:

7.2.1 Bonke abantwana abakelekele engcondweni baza kuthola imiphumela emihle.

7.2.2 Ndiziva ndinukelwa liphunga lenyama eqhotyiweyo. (6)

7.3 Lungisa iziphene zokubhalwa kolwimi:

7.3.1 Kudalandimxelela ukubamakavuke.
7.3.2 Umvuzo wesono kuku fa.
7.3.3 Indawo yokuqala kukufu nwakwendlu. (4)
**(20)**

**AMANQAKU ECANDELO C: [60]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**